



UKUZIVAVANYA KOKUQALA KOMNGCIPHEKO WECOVID-19

Sebenzisa le mibuzo ingezantsi ukwenza uvavanyo lokuba ngaba kukhuselekile na ukuqala umsebenzi. Ukuba impendulo yakho nguEWE, chazela umphathi wakho ngokukhawuleza ngale meko, yena oya kuchonga isisombululo esifanelekileyo nesinokusebenza.

SOLOKO USEBENZISA LE MIMISELO EMSEBENZINI WAKHO

- Umgama wokusondelelana phakathi komnye nomnye kufanele ube kangangomlinganiselo wobude oyi-1.5m kuzo naziphi na iimeko.
- Hlamba izandla zakho ngesepa namanzi kangangemizuzwana engama-20, okanye sebenzisa isibulali zintsholongwane sezandla esinotywala emva kokudibana naye nabani na okanye ukubamba into okanye indawo esoloko iphathwa, umzekelo; iifowuni, isibambo socango, njalo-njalo.
- Khohlelela kwigophe lengqiniba okanye kwiphepha eliyacuyacu lokufinya olilahla ebhinini uze uhlambe izandla.
- Kuphephe ukuphatha amehlo, impumlo nomlomo ngezandla ezingahlanjwanga .
- Nxiba imaski yelaphu ngawo onke amaxexha.
- Qinisekisa ukuba uyifundile iNkqubo eLandelwayo eNxulumene nezeMpilo noKhuseleko kananjalo uqinisekise ukuba uyayilandela imigaqo efanele imeko yakho.

1. Umhla:

2. Igama:

3. Inombolo yomqeshwa:

4. Ukuqeqeshwa komqeshwa nokunikwa ulwazi oluvula umqondo

Ndilufumene uqeqesho ngeCOVID -19 nangentsholongwane eyenziwa yiyo, nokuba intsholongwane isasazwa yintoni, iimpawu zentsholongwane kananjalo ndingazikhusela njani ekusulelekeni kwisifo.	Ewe	Hayi
Ndiyiqeqeshelwe kwaye ndinolwazi ngeenkqubo zeCOVID-19 emsebenzini wam.	Ewe	Hayi
Ndiyayazi inkqubo yokuzithi cebu, ndizihlalele ndedwa ekhaya okanye kwindawo ebekelwe ukuzivalelela ukungadibani nabanye ngenxa yesifo esisulelayo ukuba kwenzekile ndagula ndaneempawu zesifo esiyiCOVID-19.	Ewe	Hayi
Ndiyayazi inkqubo yokuxela ukuba ndithe ndagula ndaneempawu zesifo iCOVID-19.	Ewe	Hayi
Ndixelelwe ngenkqubo yohlolo novavanyo lweCOVID-19.	Ewe	Hayi
Ndixelelwe ngokulandelwa komkhondo wabo bendidibene nabo ukuba ndithe ndafunyaniswa ndineCOVID-19.	Ewe	Hayi
Ndikuqeqeshelwe ukusetyenziswa ngokufanelekileyo nokuba ingasetyenziswa kangaphi iPPE phambi kokuba ingatshintshwa, ukugcinwa nokulahlwa ngokukhuselekileyo kwePPE esetyenzisiweyo/eyosulelekileyo.	Ewe	Hayi

5. Ucoceko namanyathelo okucoca		
Isinki enesepha yokuhlamba izandla kunye nesibulali ntsholongwane esamkelekileyo (70% yotywala) zikhona.	Ewe	Hayi
Imiphezulu nezixhobo zicociwe zaze zabalawa iintsholongwane ngesibulali zintsholongwane esamkelekileyo rhoqo (qho kwiinyure ezine ubuncinane)	Ewe	Hayi
Ndiyazazi iinkqubo zococeko ezifunekayo kwisiqu sam ezifana nokukhohlelela/ukuthimlela kwigophe lengqiniba ukuba andinalo iphepha eliyacuyacu lokufinya elicocekileyo kum, ukuhlamba izandla zam rhoqo kangangemizuzwana engama-20 nokungabelani ngezixhobo zokubhala, izixhobo zokutya kunye/okanye iPPE kunye nabo ndisebenza nabo.	Ewe	Hayi
6. Ukucutha umgama wokusonelelana (ukusondelelana kwabantu kufanele kube kangangobude obuyi-1.5m okanye ubude beengalo ezimbini)		
Ndiyawazi umgaqo womgama wokusondelelana kwabantu wokugcina umgama wobude obuyi-1.5m okanye ubude beengalo ezimbini ubuncinane phakathi kwam kunye naye nawuphina umntu endisebenza naye okanye kuwonke-wonke.	Ewe	Hayi
Ndiyazi ukuba kufanele ndikuphephe ukudibana kwemizimba okufana nokuxhawulana, ukuphathana nokwangana.	Ewe	Hayi
Ndiyayazi ukuba apho kukho izihlewele okanye iindibano (umzekelo, iqela elikhulu labantu abangaphezu kweshumi okanye amaqela akwindawo ekungekho kuyo umoya ongenayo nophumayo owoneleyo) kufanele ziphetshwe emsebenzini wam.	Ewe	Hayi
Xa kusityiwa emsebenzini okanye ngamaxesha entlazane, ndifanele ndigcine umgama oyi-1.5 ubude kulowo ndisebenza naye ngethuba lokutya, kwaye akufanelanga ndihlale ndijongane naye nabani na.	Ewe	Hayi
7. IziXhobo zakho zokuziKhusela (PPE)		
Ndinazo zonke iPPE ezisingisele kumsebenzi wam, ukundikhusela kwiCOVID-19, ukongeza kwiPPE eziqhelekileyo nezifuneka ekusebenzeni ngokukhuselekileyo.	Ewe	Hayi
I-PPE yam ikwimeko elungileyo kwaye ndinolwazi ngenkqubo yokuyisebenzisa nokusebenzisa enye/ndifumane enye xa ithe yonakala okanye yalahleka.	Ewe	Hayi
8. Impilo yesiqu bakho		
Ndiyinike ingqwalasela impilo yam ngokubhekiselele kwiimpawu zeCOVID -19 zasekuqaleni (ukukhohlela, umqala obuhlungu, ukuphefumla nzima okanye ifiva enamaqondo obushushu obungama- $\geq 38^{\circ}\text{C}$) okanye iimpawu zefiva kwaye ndiyakwazi emandikwenze nalapho kufanele ndixele khona ukuba ndinenye yezi mpawu zikhankanyiweyo.	Ewe	Hayi
Ndiyayazi inombolo nokufumana inkxaso ehlangene nokufumana iinkonzo zoncedo ngokwasengqondweni xa ndidinga ukuncedwa.	Ewe	Hayi
9. Ukusabela ngethuba likaxakeka /lonxunguphalo		
Ndinolwazi ngenkqubo yokuxela kwimeko apho ubani wasekhaya okanye emsebenzini eneempawu zeCOVID-19.	Ewe	Hayi

Ndinika isiqinisekiso sokuba iinkcukacha endizinikileyo kule fomu ziphelele, ziyinyaniso kwaye zichanekile kananjalo ndinika imvume kwiYunivesithi ukungqinisisa naziphi na iinkcukacha ezinikiweyo.

Ngokumelene noMthetho woKhuseleko lweeNkcukacha zobuQu, ugunyaziswa ukuba unike iYunivesithi imvume ukuqondisisa ngazo naziphi na iinkcukacha ezinikezelweyo. Ukuba kufunyaniswe ukuba unikezele ngeenkukacha ezingezizo umthetho neenkqubo zoluleko zethu ziya kuthi zisetyenziswe.

Ukusayina/Umtyikityo	
UMHLA	